NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
MAY 2021

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA I
ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER I

Ixesha: 2½ Iiyure | Amanqaku: 100

QAPHELA

1. Eli phepha linamaphepha ali-18.
2. Eli phepha linamacandelo amane.

   ICANDELO A: Izicatshulwa (30)
   ICANDELO B: Ushwankathelo (10)
   ICANDELO C: Imibongo (30)
   ICANDELO D: Ukusetyenziswa kolwimi (30)
3. Phendula yonke imibuzo ngesiXhosa.
4. Funda ngenyameko uze uphendule imibuzo ngokwemiyalelo yayo.
5. Umthamo wempendulo mawukhokelwe ngamanqaku.
6. Qwalasela upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
7. KwiCandelo C **unyanzelekile** ukuba uwuphendule **Umbuzo 3.1**, umbongo ongamiselwanga.
8. Nombola iimpendulo zakho ngokwendlela esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.
9. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

IEB Copyright © 2021

ICANDELO A IZICATSHULWA

UMBUZO 1

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

1.1

UJONATHAN NDODOMZI NTUTU



Imbaleki yaseGugulethu engaboni kakuhle iza kuba kunye nezinye iimbaleki ezizidalwa eziza kumela uMzantsi Afrika kwi*London 2012 Summer Olympics* ngoJuly.

1 UJonathan, umfana oneminyaka engama-26, uyimbaleki esisidalwa. UJonathan ungumntwana wesibini kokwabo. UJonathan unengxaki yokungaboni kakuhle ngamehlo. Uneliso elinye nalo aliboni kakuhle. Uye wangenela ukhuphiswano lweembaleki olwaziwa njenge*Nedbank Championship.* Olu ibilukhuphiswano lweembaleki ezizidalwa. Olu khuphiswano belubanjelwe eThekwini ekuqaleni konyaka ka-2012. Iimbaleki ezithe zaphumelela kolu khuphiswano beziza kuya kukhuphiswano obeluza kubanjelwa eLondon. UJonathan uphumelele iimedali zegolide emva kokuba eqhube kakuhle kolu khuphiswano. UJonathan uye wafowunela *iCity Vision* ukuze abalise ibali lakhe lempumelelo. Uthe injongo zokubalisa ibali lakhe kukukhuthaza abantu abazizidalwa. Uthe ufuna ukubona lisanda inani labantu abazizidalwa kwezemidlalo. Uye wazimisela ukuba uza kuba kwiqela eliya eLondon. *ICity Vision* yenze udliwano-ndlebe efownini noJonathan.

2 "Ndamenywa kumsitho/kumnyhadala wokuvula i*National Olympics*. Ndaye ndaziqeqesha ngokuzimisela kuba ndandisazi ukuba ilizwe liza kube lijonge kum. Ngale mini iimbaleki zazinikwa iimpahla zokubaleka. Savuya kakhulu siziimbaleki ngezi mpahla zintsha, kaloku iimpahla zokubaleka ziduru kwaye thina asisebenzi, nto leyo yenza kube nzima ukuthenga iimpahla zokubaleka. Ndandiqinisekile ukuba ndingomnye weembaleki eziza kuya kwi-*Olympics*. Ukufumana kwam ifowuni/ ucingo kuLwesihlanu odlulileyo ndaphantse ndalila ngenxa yovuyo endandinalo," watsho. Nangona uJonathan engaboni kakuhle, uthatha inxaxheba emidlalweni. Uthi imidlalo ibalulekile kuye kuba imenza angacingi ngentlungu yakhe yokubona

IEB Copyright © 2021

ngeliso elinye. Uthi imidlalo imenza ingqondo yakhe ihlale icinga izinto eziza kumenza aphumelele ebomini. UJonathan uthe wabona ukuba ukuzisizela akuzi kumsa ndawo, kufuneka athathe le ntlungu yakhe enze into entle ngayo. Utsho esithi iitshomi zakhe zazimhleka ekuqaleni kodwa zange azikhathalele/azihoye.

3 Umqeqeshi wakhe uSusan Ferreira umchaze njengomfundi wezemidlalo. Isizathu sokuba athi ungumfundi wezemidlalo kukuba uvukela kumabala okuziqeqesha. Uye abaleke ejikeleza ibala lezemidlalo enze imijikelo elishumi ngemini. "Uyawuthanda umdlalo wakhe kwaye uziqeqesha kakhulu, loo nto yenza ukuba afumane iziphumo ezihle", watsho. UFerreira uxelele i*City Vision* ukuba uJonathan ngumntu osoloko onwabile othanda imidlalo. "UJonathan wazi lukhulu ngamaqhawe ezemidlalo afana noTyson Gaye. Uthi lo mfana uza kuziphumelela ii-*Olympics* kulo nyaka", watsho uFerreira. UFerreira uphinde wathi uJonathan uvela kundwendwela iJamani neBeijing, apho wanyusa/waphakamisa iflegi yoMzantsi Afrika ngempumelelo enkulu.

4 Umama kaJonathan, uSylvia Ntutu, uthe unyana wakhe ngumzekelo omhle kusapho lwakhe. "Unyana wam uneengxaki zokungaboni kakuhle kodwa uzimisele ukuba aphumelele. Le ndlela yokungazisizeli apha ebomini uJonathan, yenza ukuba sizidle ngaye". UJonathan uthi ufuna ukuvula indawo apho aza kuqeqesha abantu abazizidalwa kwiindidi ngeendidi zemidlalo. Uthi uye ave kabuhlungu xa ebona ulutsha oluzizidalwa luphelelwa lithemba emhlabeni. Ubalisa athi naye wakhe wacinga ngokucela amalizo ebantwini ukuze aphile. Kodwa loo nto yaphela mhla wabona ukhuphiswano lweembaleki kumabonakude. Uthi wabona iintshatsheli ezizizidalwa ezifana noTyson Gaye ziphumelela iimbasa. Ukususela ngoko wazixelela ukuba uza kuthatha inxaxheba kwezemidlalo.

5 UJonathan uthi kubalulekile ukuziqeqesha xa umntu efuna ukuphumelela ebomini. Uthi yena wazixelela ukuba uza kuziqeqesha ngokubaleka imijikelo elishumi ngemini. Utsho esithi oku akukho lula kuba ngamanye amaxesha umzimba ufuna ukulala. Uthi uye athi xa kufika indawo eyonqenayo azixelele ukuba ubuvila abuzi nampumelelo. UJonathan ubulela kakhulu umqeqeshi wakhe uFerreira. Uthi uFerreira uyamkhuthaza ngamazwi amenza ayibone impumelelo ikufutshane. Enye into ayenzayo uJonathan kukutya ngendlela eyiyo. Uthi ukuze umzimba wakhe wondleke kufuneka atye kakhulu imifuno neziqhamo. UJonathan uthi uwugcina umzimba wakhe ngokusela amanzi. Utsho esithi iziselo ezineswekile akazisebenzisi. Kaloku kukho intetho ethi, "ingqondo ephilileyo ifumaneka kumzimba ophilileyo."

6 Umama kaJonathan, uSylvia unebhongo ngonyana wakhe. Uthe wayenexhala ngokuya uJonathan wayesakhula kuba wayebuya esikolweni elila phantse yonke imihla. Wayeliliswa kukuba abanye abantwana babemhleka kuba eneliso elinye. Babesithi xa bembona esiza, "Nantsi le nyholi". UJonathan ukhule phantsi kweemeko ezibuhlungu kodwa khange zimbulale ezo meko. Uye wasiyeka phakathi isikolo kuba ebengaboni kakuhle ebhodini. Uthe akusiwa kugqirha wamehlo, ugqirha wabaxelela ukuba ayikho into enokwenziwa ngeli liso linye. Wakhathazeka kakhulu uJonathan kuba kufuneka asiyeke phakathi isikolo. Kodwa uJonathan zange azisizele wahlala ethembeni lokuba uza kuphila ngenye imini. Umama wakhe uthi naye uza kuhamba nonyana wakhe xa esiya

eLondon. UJonathan ubalise wathi ufuna ukwakhela umama wakhe indlu. Uthe uyambulela umama wakhe ngokusoloko emxhasa xa eza kuya kukhuphiswano lwezemidlalo.

[Esi sicatshulwa sivela kwiphephandaba labahlali i-*City Vision* saze salungiselelwa isiXhosa FAL ngabakwa-IEB]

1.1.1 Kumhlathi woku-1:

(a) UJonathan ngumntwana wesingaphi kowabo? (1)

(b) UJonathan uneminyaka emingaphi? (1)

(c) Caphula isivakalisi esibonisa ukuba uJonathan unengxaki yokungaboni kakuhle ngamehlo. (1)

(d) Nika isizathu sokuba uJonathan afune ukubalisa ibali lakhe kwi*City Vision.* (1)

1.1.2 Kumhlathi wesi-2:

(a) Nika isizathu sokuba ezi mbaleki zivuye zakunikwa iimpahla ezintsha zokubaleka. (1)

(b) Yintoni eyabangela ukuba uJonathan alile akufumana ifowuni? (1)

(c) UJonathan uthi yintoni emenza athathe inxaxheba kwimidlalo? (1)

1.1.3 Kumhlathi wesi-3:

(a) Ngubani umqeqeshi kaJonathan? (1)

(b) Lo mqeqeshi kutheni esithi uJonathan ngumfundi wezemidlalo? (1)

(c) UJonathan uye enze imijikelo emingaphi ngemini? (1)

1.1.4 Kumhlathi wesi-4:

(a) Nika isizathu esibangela ukuba umama kaJonathan athi unyana wakhe ungumzekelo omhle kusapho lwakhe. (1)

(b) Yintoni ekhuthaze uJonathan ukuba athathe inxaxheba kwimidlalo? (1)

IEB Copyright © 2021

1.1.5 Kumhlathi wesi-6:

(a) Nika igama elisetyenziswe apha kwisicatshulwa ukuchaza ukuba umntu uneliso elinye. (1)

(b) UJonathan uthi uza kumenzela ntoni umama wakhe? (1)

(c) Uza kuya phi uJonathan? (1)

[15]

1.2

BALWELA AMALUNGELO ABANTU



1 La ngamatsha-ntliziyo asekuhlaleni. Phambili nguDaniel Weeks noKwame Cedile, ngasemva nguVuyani Cedile noBonga Mhlawuli. Olu lutsha lumi phambi kwendlu yowiso-mthetho yePhondo leNtshona-Koloni kwisitrato iWale. KungoLwesibini umhla wama-26 kuJuni kunyaka ka-2017. Apha baze kuvakalisa izimvo zabo malunga nokutshiswa kwabafana abarhanelwa ngobusela kwiilokishi zaseKhayelitsha kwiiveki ezidlulileyo zenyanga kaJuni kunyaka ka-2017.

2 UVuyani Cedile ulilungu lombutho i-*Right To Know*. Lo mbutho ulwela inkululeko yamajelo eendaba. UVuyani uye wacela iinkokheli zezopolitiko kwiPhondo ukuba zidale amathuba emisebenzi ukuze kuphele indlala. Uthi ukungasebenzi nendlala kungunobangela wokuba abantu bacinge ngezisu zabo bangacingi ngeentloko zabo. "Aba bantu batshisa abanye, nabo bangabaphuli-mthetho. Wakhe wayibona phi into yokuba abantu baqhwabe izandla xa kubulawa omnye umntu?" utshilo uMnu Cedile.

[Esi sicatshulwa sivela kwiphephandaba labahlali i*Vukani*]

Kumhlathi woku-1

1.2.1 Chaza ukuba olu lutsha lumi ndawoni/lumi phi? (1)

1.2.2 Nika esona isizathu esenze ukuba aba bafana babe kule ndawo. (1)

Kumhlathi wesi-2

1.2.3 UVuyani lilungu lowuphi umbutho? (1)

1.2.4 Lo mbutho uwuxelileyo ku-1.2.3 ngumbutho olwela awaphi amalungelo? (1)

1.2.5 Kutheni uVuyani ecela ukuba iinkokheli zePhondo zidale amathuba emisebenzi? (2)

1.2.6 Khangela isivakalisi kumhlathi wokugqibela esibonisa ukuba abantu baphelelwa luvelwano nobuntu. (1)

1.2.7 Nika igama lelokishi ekhankanyiweyo kwesi sicatshulwa. (1)

1.2.8 Ungamcebisa uthini uRhulumente okanye abahlali ukuze kuhliswe izinga lobundlobongela? (2)

[10]

IEB Copyright © 2021

1.3

Idayari yexhoba leziyobisi

Andinguye umntu onobubele nothambileyo. Ndinomsindo ongaphakathi kum, kwaye undidinile. Ndifuna ukufa ukuze ndingaphindi ndikuve oku kwakhona.

Kunzima kum konke ukuba nobubele. Abazali bam behla besenyuka, bathi beseziklinikhi babe besezindaweni zoncedo.



Abazali bam bayalila. Bayazama ukundithanda, ndiyabahlupha. Ndisoloko ndingabonwabisanga. Nokuba sele ndinikwa nantoni na elungileyo, ndiyayitshabalalisa.

[Esi sicatshulwa sivela kwincwadi: *IsiXhosa Esityebileyo*]

1.3.1 Yintoni ingxaki yalo mntu ukulo mfanekiso? (1)

1.3.2 Kumhlathi wokuqala lo mfana usoloko eziva njani emphefumlweni? (1)

1.3.3 Ufuna ukwenza ntoni ukuze ahlukane nale ngxaki akuyo? (1)

1.3.4 Abazali bakhe benza ntoni ukuze bamncede? (1)

1.3.5 **Khetha isivakalisi** esibonisa ukuba lo mfana uyazibona iinzame zabazali bakhe kodwa usoloko ebavisa ubuhlungu. (1)
[5]

30 amanqaku

IEB Copyright © 2021

ICANDELO B USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Shwankathela esi sicatshulwa ngamazwi akho. Bhala amagama **angama-70**.

Ungabhala izivakalisi ezintlanu ezinomthamo; okanye umhlathana.

Xa ushwankathela yenza oku:

- Fundisisa isicatshulwa ude usive usiqonde.
- Sebenzisa amazwi akho.
- Musa ukujikeleza/ukuwanqa, hlala emxholweni ungalibali luphindaphindo olungena-msebenzi.
- Dwelisa iziganeko ngokulandelelana kokuhla kwazo, ungaziqubudi, ungazidibanisi.
- Ubuchule kukuba uqale usibhale ecaleni phambi kokuba ubhale owona msebenzi uqonda ukuba ufezekile.

AMATHUBA ENKULULEKO NOKWANELISEKA

Dibana noRhulani Renoldah Baloyi, umsasazi kanomathotholo nomabonakude.

URhulani wazalwa nge-22 Agasti 1973. Wazalelwa e-Elim, ilali ekufutshane neLouis Trichardt, eLimpopo. Waye ngumntwana wokuqala kubantwana abathandathu. Wakhuliswa ngumakhulu notatomkhulu wakhe kuba abazali bakhe basweleka. Aba bazali babanegalelo elihle ebomini bakhe.

Ukungaboni kwakhe kwenza kwaba nzima ukuba aye esikolweni njengabanye abantwana. Utatomkhulu wakhe wamthatha wamsa esikolweni eneminyaka emine. Wayesokola ukubona ebhodini. Ngamanye amaxesha wayekhuphela izinto ezingezizo ezibhalwe ngutitshala ebhodini. Oku kwenza ukuba uRhulani amphinde ugreyidi 1. Iititshala zakhe zaye zathetha notatomkhulu kaRhulani ngale ngxaki yokungaboni kakuhle kwalo mntwana. Waya kwisikolo sabantu abangaboniyo nabo babona kancinci kuphela, ukusukela kuGreyidi 1 ukuya kwimatriki. Esi yayisisikolo esilawulwa *yiCatholic Church. Ukufika* kwakhe kwesi sikolo sabangaboni kakuhle wafunda ngokulula nangokuzimisela. URhulani wayekuthanda ukufuna ulwazi ebuza imibuzo ngayo yonke into. Esikolweni wayenabo abahlobo kodwa wayebanalo ixesha lakhe yedwa. Ubekuthanda ukwenza izinto yedwa, ezithathela izigqibo, engathandi ukwanelisa iitshomi. URhulani upase imatriki eSiloe ngo-1990. Imatriki yakhe wayiphumelela emagqabini. Emva koko wafumana isidanga se-*BA* kunye neDiploma kwezeMfundo (*Higher Diploma in Education*), kwiYunivesithi yaseWitwatersrand. Izifundo zakhe eziphambili yayiyiSosiyoloji, isiNgesi kunye nezeNkolo. URhulani walitshintsha ikhondo lakhe waba yintatheli yakwa-*SABC*.

Ngenxa yokuzimisela, ukusebenza nzima nokunyamezela, uRhulani ube ngumsasazi obalaseleyo we-*SABC*. Ungumntu omamelayo, umphandi ongoyikiyo kwaye uthetha kamnandi nangokuzithemba. Uyintatheli enamava ngakumbi kuphando ngabantu abangababulali. Ngoku ungumsasazi wenkqubo i*Shift* ku*SABC*. Le nkqubo ixoxa ngemiba efana nezemali, ukuzithanda nokuzithemba, ukuba ngusomashishini osakhasayo/oqalayo, ezempilo, amabali empumelelo, ukukhulisa abantwana, isini, imfundo, ukhenketho, okusingqongileyo, iteknoloji, inkcubeko kunye nezokuhlala. URhulani Renoldah Baloyi ukwayintatheli esebenzela irediyo/unomathotholo. Ungumsasazi we-*SAFM's Intun*e edlala qho ngemiGqibelo. I-*Intune* yinkqubo yabantwana equka u*Takalani Sesame* no*Soul Buddyz*.

IEB Copyright © 2021

Eli nenekazi lingaboniyo selikhe landwendwela e-Australia esiya kwi*World Blind Union Conference* ngonyaka ka-2000. Ngo-2001 uye watyelela iMelika esiya kwinkomfa yabantu abangaboniyo eyayithetha ngokukhula kwabo kwezosasazo nakwiteknoloji. Uzimisele ukuya kwindebe yehlabathi ka-2014 eBrazil. Kwiimbasa athe wazifumana, uRhulani wafumana i*PANSLAB Award* ngenxa yokukwazi ukuthetha iilwimi ezininzi ku-*Shift* kunye ne*Cit*y *Press/Rapport Women's Achievement Award*. Ukwasisithethi esikhuthaza abantu; uthanda nokukhuthaza abafundi abafunda imatriki. "Nineenyawo ezimbini, izandla ezimbini, iindlebe ezimbini namehlo amabini! Yintoni enokunenza ningapasi?"

[Esi sicatshulwa sivela kwincwadi ye-*LO, Headstart Grade 11*, saguqulelwa esiXhoseni ngabakwa-IEB]

10 amanqaku

IEB Copyright © 2021

ICANDELO C IMIBOMGO

Phendula yonke imibuzo esetwe kwimibongo.

UMBUZO 3

3.1 UMBONGO ONGAMISELWANGA

ONGAGQALI KAMVA: ngu-V. M. Mabusela

1 NgoLwesihlan' uyavuya,
Ngempela-nyang' uyadlwayiza,
Yen' unukelwa ngumvuzo,
Ngawo sele ekwazi aza kukwenza.

2 Lonk' ixesh' ucwengile,
Uyazazi uthembile,
Lowo mvuzo wentsebenzo,
Ekudala ewuzondile.

3 Akwamkeliswa ngumqeshi,
Uqala ngoku abe sisilwanyana,
Akuwukrazul' okuwuthweleyo,
Aqale ngoko ukuwutya.

4 Akwamkela uyathandwa,
Zizihlobo ezinobulumko,
Zimxhake okwenkosi,
Iminqweno uza kuyifeza.

5 Uwuhlasela njal' umvuzo,
Awuvuthulule uphele,
Ashiyeke ekhedamile,
Elilolo engenamhlobo.

6 Kumnandi ukondliwa,
Zizidenge ezinjalo,
Zibomi bugulayo,
Zingqulwa msinyane ziintlupheko.

[Umbongo uvela kwincwadi: *Imfundo lilifa* – V. M. Mabusela]

Iglosari	
ongagqali	ongajongi/ongaqwalaseli/ongalikhathalelanga
uyadlwayisa	uhambela phezulu
ucwengile	uthule/uthe cwaka
ewuzondile	ewujongile
zimxhake	zimphahle/zimngqonge
uwuhlasela	uwusebenzisa ngokukhawuleza
bugulayo	bungenazo iinjongo/umntu ongekho ntweni
zingqulwa	zihlaselwa/zibetheka

IEB Copyright © 2021

3.1.1 Funda isitanza soku-1:

Ucinga ukuba yintoni ebangela ukuba lo mntu adlwayize ngempela-nyanga? (2)

3.1.2 Funda isitanza sesi-2

Imbongi imchaza njengomntu onjani lo mntu? (1)

3.1.3 Funda isitanza sesi-3

Imbongi ithi uba njani lo mntu akwamkela? (1)

3.1.4 Funda isitanza sesi-4

(a) Benza ntoni abahlobo bakhe xa enemali lo mntu kuthethwa ngaye? (2)

(b) Bhala phantsi igama elisisifaniso. (1)

3.1.5 Funda isitanza sesi-5:

(a) Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Umntu olilolo ngumntu onjani?

(i) Ngumntu onabahlobo abaninzi.

(ii) Ngumntu ongenabani, oyedwa.

(iii) Ngumntu onabahlobo abambalwa. (1)

(b) Shwankathela okuthethwa yimbongi kwesi sitanza ngesivakalisi **esinye esinomthamo**. (2)
[10]

IMIBONGO EMISELWEYO – *ISIHOBE SE-AFRIKA ENTSHA* ngu-P. N. NGIDI

3.2

IXESHA: ngu-N. P. D. Sigenu

1 Ngunkqonkqonkqo kuvuk' amadoda
Ngungongongo kuvuk' izazela.
Ngunk-ri-nk-ri-nk-ri bavumbul' uk'abafundi.
Uncincinci yen'uthuthuzel'iintsana.

2 Kukhal' iinkuku anduluk' amakhwenkwe.
Alandele ooyise kungekakhal' isangquphu.
Kuba hay' amadoda ukuxhaphaz' iidyongo.
Angquban' anexhala exhesha nexesha.

3 Sibinindini sicand' amathafa.
Sisalath' indlela nok' iphindaphindwa.
Unkanishe angcambaze elinde imizuzu.
Anyathele kuhle nemitsi ilinganisiwe.

4 Usiquququ ugqad' ambekweni ang' angagqiba.
Isingqi sona sinye noko sibamb' umxhelo.
Kungagilwa mkhuba nokuthanda ukugxanya.
Wakungxama kanene ungad'ugqwidize.

5 Ngumhlanguli maxa wambi sekulel' uthuli.
Ingqushu seyafefwa naziimvula.
Idandalaz' inyani idid' amadoda esazi.
Ayezilibel' ubuni kusaxand' ubuxoki.

6 Ixesha lithambisa nezilonda kogrhuzulweyo.
Kanti yodula nenyaniso kolahlekisiweyo.
Lakuhamb' ixesha ziyasongwa nezezolo.
Lakuhamb' ixesha kuvele nent' ibingeyiyo.

Funda isitanza soku-1:

3.2.1 Nika isafobe esisetyenziswe kwisitanza soku-1. (1)

3.2.2 Khetha uze ubhale igama elithetha into enye neli,'bavuke' kumqolo wesi-3. (1)

3.2.3 Funda isitanza sesi-2.

Caphula umqolo apho kusetyenziswe imfanozandi. (2)

3.2.4 Funda isitanza sesi-3.

Imbongi ithi,"Sibinindini sicand' amathafa". Ngoobani esi sibini? (1)

IEB Copyright © 2021

3.2.5 Funda isitanza sesi-3.

Khangela igama elinentsingiselo enye neli binzana:

'Ukuhambela phezulu.' (1)

3.2.6 Cacisa okuthethwa yimbongi kwisitanza sesi-5. (2)

3.2.7 Funda isitanza sesi-6.

Beka ngawakho amazwi lo mqolo, 'Lakuhamb' ixesha ziyasongwa nezezolo'. (2)
[10]

3.3

UBOMI: ngu-T. Skuni

1 Ndingathetha ndithini mawethu?
Ndingabalisa ndithini miDak' akowethu?
Ngento eyingxaki nenkohla
Into ebumnandi buphela okwencindi yekhala.

2 Namhlanje yile, ngomso yileya.
Namhlanje uyahleka, ngomso uyalila.
Nguphantsi phezulu, nguquluk' ubhode.
Bunjalo ubomi.

3 Ubomi bunjengenkungu.
Ubomi bunjeng' amafu.
Buyajikeleza, abuhlelanga ndawonye
NguHambabhekile, sukuhlala ndawonye.

4 Ubomi bufun' unyamezelo.
Ubomi bufun' ukucengwa.
Kuba ekunyamezeleni kukho umvuzo.
Bunjalo ke ubomi.

5 Qinani maqhawe namaqhawekazi eAfrika
Masibalekele phambili neAfrika yethu,
Akulahlwa mbeleko ngakufelwa
Kakade ubomi ngumzamo.

3.3.1 Funda isitanza soku-1.

(a) Shwankathela okuthethwa yimbongi kwesi sitanza. (1)

(b) Nika isixhobo sokubonga esisetyenziswe yimbongi kwimiqolo yoku-1. (1)

(c) Caphula umqolo apho imbongi isebenzise isifanokuthi. (1)

IEB Copyright © 2021

3.3.2 Funda isitanza sesi-2:

Nika isixhobo sokubonga esisetyenziswe kakhulu yimbongi. (1)

3.3.3 Funda isitanza sesi-3:

Nika izinto zibe mbini ezifaniswa nobomi. (2)

3.3.4 Funda isitanza sesi-4:

Nika umxholo wembongi kwisitanza sesine. (2)

3.3.5 Funda isitanza sesi-5:

Nika umyalezo wembongi kwesi sitanza. (2)
[10]

30 amanqaku

IEB Copyright © 2021

ICANDELO D UKUSETSHENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 4

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo engezantsi.



Seta!

Umbane <u>uduru</u>.

Ukuwulondoloza kulula.

Hambisa i-*pool pump* yakho iiyure ezimbalwa. Kwiiyure ezilishumi ngemini i-*pool pump* isebenzisa iipesenti ezili-11 **zombane** wakho. Xa uyisebenzisa ehlotyeni umbane uyehla ube ziiyure ezintandathu; ebusika uhla ube ziiyure ezine ke ngoko i-*pool pump* iye isebenzise iipesenti ezi-6.

Ezinye iingcebiso ngokulondoloza umbane ungazifumana ku-<www.SavingElectricity.org.za>

SAVE

CITY OF CAPE TOWN | ISIXEKO SASEKAPA | STAD KAAPSTAD

THIS CITY WORKS FOR YOU

[Esi sicatshulwa sivela ku*Masipala waseKapa*, saguqulelwa esiXhoseni ngabakwa-IEB]

4.1 Nika isichasi segama elikrwelwe umgca. (1)

4.2 Igama elibhalwe ngqindilili, **zombane** lisesiphi isigaba sentetho? (1)

4.3 Le ntengiso yenziwa sisixeko saphi? (1)

4.4 Kule ntengiso umntu angazifumana phi iingcebiso ngokulondoloza umbane? (1)

4.5 Khangela apha kwintengiso imizekelo yezi zigaba zentetho:

4.5.1 isilathandawo

4.5.2 isibaluli (2)
[6]

IEB Copyright © 2021

UMBUZO 5

Fakela **ISIFANEKISO-ZWI** esifanelekileyo ngokukhetha kwezi zingezantsi.

Ingca yasecaweni yethu iluhlaza _____.

xhopho; qho, yaka; thsu.

[1]

UMBUZO 6

Phendula njengakumzekelo.

Umzekelo: umzala	**Lo**	**asingomzala**	**wabo**	**omncinci**
Imoto	6.1	6.2	6.3	6.4

[2]

UMBUZO 7

Sebenzisa **IZIHLANGANISI** ezibini kwizivakalisi ukubonisa ukuba uyayazi intsingiselo yazo. Khetha kwezi zilandelayo.

Ukuba, nangona, kodwa, kuba, ukuze.

[2]

UMBUZO 8

Bhala igama elivela kula magama alandelayo.

Umzekelo: ukuhlala + phantsi = umhlalaphantsi.

Ukuxela + ukuthetha.

[1]

UMBUZO 9

Bhala ezi zivakalisi kwi**SILANDULI**.

9.1 Ngumzali wam lo.

9.2 Ivenkile yavalwa.

9.3 Thatha uloliwe xa usiya eRhawutini!

9.4 Ootitshala besikolo baza kubamba intlanganiso.

9.5 Amadoda ebesakha izindlu zeefemeli zawo.

[5]

IEB Copyright © 2021

UMBUZO 10

Jonga lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.



[Umthombo Ibanga 9]

10.1 Nika isenzi esixela enye into eyenziwa yile nkwenkwe ibalekayo. (1)

10.2 Gqibezela esi sivakalisi:

yimbaleki	lisela	ngutsotsi	ngumncedisi

Le nkwenkwe ibalekayo _____. (1)

10.3 Chaza ukuba inokuba uziva njani lo mama. (2)

10.4 Ukuba wena ungabona into enje ungenza ntoni? (1)
[5]

IEB Copyright © 2021

UMBUZO 11

Fakela isimamva esifanelekileyo kwezi zenzi zilandelayo.

11.1 Iqela lombhoxo (lidlala) ilizwe lalo kwiNdebe yeHlabathi.

11.2 Amabali amnandi asoloko (ebalisa) ngoomakhulu.

11.3 Ifemeli yam (iyathanda) kakhulu.

11.4 Noko le noveli (iyafunda) bendingayiqondi.

[4]

UMBUZO 12

Lungisa amagama akwizibiyeli kulo mhlathana ulandelayo.

Indoda (12.1 dala) ivuka kusasa (12.2 ikhaphela) iinkomo zayo izise (12.3 idlelo). Kufuneka (12.4 isebenzela) usapho lwayo.

[4]

30 amanqaku

Ewonke amanqaku: 100

IEB Copyright © 2021